# Isiqulatho


## Usapho lwam

**Iveki yoku-1**

IzaKhono zoBomi: Iintsapho ezahlukileyo ........ 1

UkuFunda noTitshala: Usuku lokuzalwa lukamakhulu ........ 2

**Iveki yesi-2**

IzaKhono zoBomi: Indlela yokwenza ikhadi lombuliso ........ 6

UkuFunda noTitshala: Ikhadi elikhethekileyo ........ 7

## Ukhuseleko ekhaya

**Iveki yesi-3**

IzaKhono zoBomi: Iingozi emakhaya! ........ 11

UkuFunda noTitshala: Impuku yaseDolophini nempuku yaseFama ........ 12

**Iveki yesi-4**

IzaKhono zoBomi: Umlilo ekhaya ........ 16

UkuFunda noTitshala: Umnu. Mqhagi onekratshi ........ 17

## Umzimba wam

**Iveki yesi-5**

IzaKhono zoBomi: Umzimba wam omangalisayo ........ 21

UkuFunda noTitshala: Iindidi ezahlukileyo zemizimba ........ 22

**Iveki yesi-6**

IzaKhono zoBomi: Umzimba wam ngaphakathi ........ 26

UkuFunda noTitshala: UPhila wophuke ingalo ........ 27

**Iveki yesi-7**

IzaKhono zoBomi: Izivo zethu ........ 31

UkuFunda noTitshala: Umntu wesonka sejinja ........ 32

## Ukugcina umzimba wam ukhuselekile

**Iveki yesi-8**

IzaKhono zoBomi: Zigcine ukhuselekile kwiintsholongwane ........ 36

UkuFunda noTitshala: UBusi nogogo ........ 37

**Iveki ye-9**

IzaKhono zoBomi: Imigaqo yeklasi yethu echasa ukuxhaphaza ........ 41

UkuFunda noTitshala: UKiki ........ 42

# Iintsapho ezahlukileyo



NdinguThando igama lam. Aba ngumama wam, utata nomnakwethu omncinci.



Igama lam ngu-Amanda. Ngumama wam lo noodadawethu ababini.



Igama lam nguLerato. Aba ngumakhulu, udadobawo kunye nabazala bam.



- Ingaba ezi ntsapho zintathu ziyafana?
- Zahluke njani ezi ntsapho?
- Ingaba olwakho usapho lufana kancinci njani nolunye lwezi ntsapho?

# Usuku lokuzalwa lukamakhulu

Sincedisa umama.

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba ngubani othethayo? (*inokuba yinkwenke okanye yintombazana, mhlawumbu ngabo bobabini?*)
- Ingaba olu sapho lulungiselela ntoni luxakekile nje?
- Akhona amagama owakhumbulayo akhankanywe ngoku ubufundelwa ibali? (*Isihloko siyakukhokela*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Kuthiwa yintoni uphawu olusekupheleni kwesivakalisi?
- Yalatha igama elithi **umama**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi sokugqibela ngokungathi singumbuzo.



Ngubani osemnyango?

# Ngutata notat'omncinci!



**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Baze nantoni utata notat'omncinci?
- Ungakhumbula ukuba zezikabani ezi zinto?
- Kutheni le nto intyatyambo ipinki?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Ingaba ulubona phi uphawu lombuzo?
- Yalatha igama elithi **tata**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi sokugqibela ngendlela eyenza ukuba umntu omameleyo eve ukuba singumbuzo.
- Ingaba unabo ootat'omncinci? Badala okanye basebatsha?

# Ngubani osemnyango ngoku?

# Ngudadobawo namawele!

**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Uze nantoni uDadobawo?
- Aze ephethe ntoni amawele?
- Athetha ntoni amakhandlela asekeyikini?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha uphawu lwesikhuzo.
- Yalatha uphawu lombuzo.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi sokugqibela ngendlela eyenza ukuba umntu omameleyo eve ukuba singumbuzo.
- Ingaba unabo oodadobawo nabazala? (*Cacisa ukuzalana.*)



Ngubani osemnyango ngoku?

# Min' emnandi kuwe, Makhulu!



**Iveki yoku-1**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Lusuku lokuzalwa lukabani olu?
- Ucinga ukuba umakhulu wonwabile?
- Ingaba yayingummangaliso? Wazi njani?
- Yeyiphi eminye imimangaliso awayifumananyo umakhulu?


**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **umakhulu**. Biza izandi zalo.
- Kuthiwa yintoni uphawu olusekupheleni kwesivakalisi?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ungasifunda njani esi sivakalisi ukubonisa ukuba unemincili?
- Wena ubungamnika isipho esinjani umakhulu?

# Indlela yokwenza ikhadi lombuliso



1 Songa iphepha embindini.



2 Zoba umfanekiso kwiphepha langaphambili.




3 Bhala umyalezo ngaphakathi.



4 Faka ikhadi emvulophini.

**Iveki yesi-2**
**IzaKhono zoBomi**

- Masithethe ngemiyalelo.
  - Ukhe wababona phi abantu abalandela imiyalelo? (*Umama xa epheka isidlo okokuqala ulandela iresiphi; ukulayita iTV entsha okokuqala*)
  - Uqaphela ntoni ngemiyalelo? (*ineenombolo, inamanyathelo ngamanyathelo, ilandela inkqubo ethile*)
- Thetha ngezizathu zokunika abanye amakhadi.

# Ikhadi elikhethekileyo

## Yintoni?




**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ubona bani emfanekisweni?
- Ucinga ukuba kukho ntoni emvulophini? (*Isihloko siyakukhokela.*)
- Ngubani ozimelayo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha isihloko.
- Zingaphi iimpawu zombuzo onokuzifumana kweli phepha?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda eli phepha ngokungathi uzibuza le mibuzo.

## Inokuba kukho ntoni ngaphakathi?

# Ikhadi! Umfanekiso omhle kangaka!

**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni esemfanekisweni?
- Ucinga ukuba livela kubani eli khadi? Cacisa.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**


- Zingaphi iimpawu zesikhuzo?
- Yalatha igama elithi **ikhadi**. Biza izandi zalo.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda eli phepha ngokungathi umama uyakhwaza.
- Yeyiphi imifanekiso oyibone ekhadini?



# Inokuba livela kubani?




**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani u-Adam?
- Uza kuva njani umama xa efunda eli khadi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha amagama **athi mama, ngokusikhathalela, ngothando**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda umyalezo osekhadini ngononophelo.

# Ndiyawuthanda lo myalezo. Ndiza kumanga kakhulu u-Adam.

**Iveki yesi-2**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni eyonwabise umama kangaka?
- Ucinga ukuba kuza kulandela ntoni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **umyalezo**. Libize ngezandi zalo.
- Yalatha igama elithi kumanga. Libize ngezandi zalo.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda ngokungathi umama uyathetha.
- Zeziphi izinto ezibonisa inkathalo onokuzenzela umntu omthandayo?



# Iingozi emakhaya!

## Musa ...

ukuphatha iingcingo zombane ezivulekileyo.





ukufaka iminwe yakho kwimingxuma yombane eseludongeni.

ukusebenzisa imela ebukhali uwedwa.





ukusela amayeza uwedwa.

ukugalela amanzi abilayo uwedwa.





ukudlala ngematshisi.

**Iveki yesi-3**
**IzaKhono zoBomi**

Jonga kwipowusta ukuze ufumane iingcebiso zokuhlala ukhuselekile.

- Khawundibalisele ngeengozi owakhe wazifumana ekhayeni lakho.
- Ngowawuzinqande njani zingenzeki?

# IMpuku yaseDolophini neMpuku yaseFama

**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Chaza okwenzeka kumfanekiso ngamnye.
- Yeyiphi eyona nto inobungozi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha kwiqam lentetho nize nixoxe ngokuba liyintoni na iqam lentetho.
- Yalatha onke amaqam entetho.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**


- Funda amaqam entetho ngemvakalelo.




IMpuku yaseDolophini yaya efama. Yadibana neengozi ezininzi.

# IMpuku yaseDolophini yaya efama. Yadibana neengozi ezininzi.







**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Chaza okwenzeka kumfanekiso ngamnye.
- Yintoni eyona nto inobungozi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **yasefama, edolophini neengozi**.
- Ithini iMpuku yaseFama?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda amaqam entetho ngemvakalelo.

# IMpuku yaseDolophini iziva ikhuselekile ekhayeni layo.



**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni le nto impuku yasedolophini iziva ikhuselekile? (*Kungokuba isekhaya kwindawo enezinto eziqhelileyo*)
- Yintoni etshintshileyo eyenza ikhitshi likhuseleke? (*iiglavu ze-onti, i-onti ivaliwe, isitovu sicinyiwe, iimela azinabungozi, iplagi esedongeni icinyiwe*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **ikhuselekile**, **ekhayeni**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Likhuseleke kangakanani ikhitshi lakowenu?

# IMpuku yaseFama iziva ikhuselekile ekhayeni layo.



**Iveki yesi-3**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni impuku yaseFama iziva ikhuselekile nje? (*Isekhaya endaweni enezinto eziqhelileyo.*)
- Yintoni etshintshileyo eyenza amakhaya akhuseleke? (*ukuhlala kude nomlilo, i-emele yamanzi iqutyudiwe, inja iyayazi*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha amagama athi **ikhuselekile**, **ekhayeni**.


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Iyadi yakowenu ikhuseleke njani?
- Ubungathanda ukuba yiMpuku yaseDolophini okanye iMpuku yaseFama? Ngoba kutheni?

# Umlilo ekhaya


Kukho iindidi ezine ezahlukileyo zomlilo.

1



Ifenitshala, irhaladina neengubo ziwubamba lula umlilo. Cima umlilo ngamanzi.

2





Iingcingo zombane ziyakwazi ukutsha. Cima amandla ombane.

3



I-oyile yokupheka iyawubamba umlilo. Gquma ipani ngefadukhwe emanzi okanye ngengubo.

4




Ipetroli nepeyinti ziyawuthatha umlilo. Awunakuwucima ngamanzi umlilo onje. Sebenzisa isicimimlilo kumlilo onjalo.

**Xa kusitsha khawulezani niphume phandle nihlale apho. Khwazani "Kuyatsha!"**

Iveki yesi-4

**IzaKhono zoBomi**

- Ingatsha njani ifenitshala okanye **iingubo**? (*iimatshisi, iisigarethi, ukhuni oluwe emlilweni*)
- Zitsha njani **iingcingo zombane**? (*udibaniso olungaqinanga, iingcingo eziqhawukileyo*)
- Itsha njani **i-oyile yokupheka**? (*xa ishushu kakhulu esitovini*)
- Zitsha njani **ipetroli nepeyinti**? (*imatshisi okanye isigarethi – kungeso sizathu iigaraji zepetroli zinomthetho wokungatshayi*)
- Angawucima njani umntu umlilo kwezi ndidi zokutsha?

# UMnu. Mqhagi onekratshi

Umnu. Mqhagi unekratshi.




**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni uMnu. Mqhagi ezijonga esipilini nje? Jonga isihloko.
- Yalatha kwiqam lentetho. Yintoni le? Athini amagama?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha isihloko. Sithini?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi.
- Funda iqam lentetho ngokungathi unguMnu. Mqhagi.

# UNksk. Kati uye edolophini.

**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni le nto uNksk. Kati eyalela uMnu. Mqhagi ukuba angaluvuli ucango? (*umntu ongamaziyo*)
- Ingaba uyakwazi ukubona umntu ongamaziyo phakathi kwemithi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Uthini uNksk. Kati?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda iqam lentetho ngokungathi unguNksk. Kati.



# UMnu. Mqhagi uyedwa ekhaya. Kuyankqonkqozwa emnyango.




Iveki yesi-4
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani onkqonkqozayo?
- Ucinga ukuba kutheni efuna ukungena nje?
- Kutheni ehlakaniphile nje? (*wenza ngathi ufuna ukubona le nzwana*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha amagama athi **ekhaya, uyedwa**.
- Kutheni igama elithi "NKQO! NKQO!" libhalwe ngokwahlukileyo nje? (*kungokuba sisandi*)

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Yenza ingxolo enkqonkqozayo.
- Funda amagama akwiqam lentetho ngemvakalelo.
- Ucinga ukuba uMnu. Mqhagi ufanele ukwenza ntoni?
- Ucinga ukuba uza kwenza ntoni?

# UMnu. Mqhagi uvula ucango.

**Iveki yesi-4**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni uMnu Mqhagi evula ucango nje?
- Ngubani ombonayo phakathi kwemithi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Uthini uMnu. Mqhagi?
- Yalatha igama elithi **ucango**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda izivakalisi ngemvakalelo. Sebenzisa iziphumlisi ukuze zikuncede.
- Ungathanda ukuba liphele njani eli bali?




Kwenzeka ntoni emva koko?

# Umzimba wam omangalisayo



Imizimba yethu inamalungu amane abalulekileyo:

- intloko • isifuba • imilenze • iingalo

**Iveki yesi-5**
**IzaKhono zoBomi**

- Benza ntoni aba bantwana? (*yamkela iimpendulo ezahlukahlukeneyo: bamile, bayacinga, bancumile, bayaphefumla*)
- Ingaba imizimba yahluke njani? (*inzima okanye ikhaphukhaphu, imnyama okanye iyakhanya, imilenze emide/iindlebe ezincinci, amehlo azuba, aluhlaza okanye amdaka ngebala njalo njalo*)
- Ingaba oku kwahluka kubalulekile? (*hayi, umntwana ngamnye wahlukile kwaye mhle ngendlela eyahlukileyo kwabanye*)
- Yintoni ebalulekileyo? (*kukuba imizimba yethu isempilweni/isakwazi ukusebenza*)
- Ngawaphi amalungu omzimba amane esinawo sonke?

# Iindidi ezahlukileyo zemizimba

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ingaba banamehlo amangaphi abanye oonomadukudwane?
- Inamehlo amangaphi inyoka?
- Thelekisa inkangeleko yenyoka nekanomadukudwane. (*inani lemilenze; inani lamehlo; ibala; imilo*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **amehlo**.
- Zingaphi izivakalisi ezikhoyo? Wazi njani? (*ngoonobumba abakhulu, ngezingxi*)

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

Xa ufunda, phumla ukuze uphefumle emva kwesivakalisi ngasinye.

- Umntu unamehlo amangaphi? Xela amalungu ahlukeneyo amehlo. (*iphuphili, i-ayirisi, ubumhlophe, ishiya, imisebe*)
- Unomadukudwane ulibulala njani ixhoba lakhe? (*ulihlaba ngomsila*)
- Inyoka ilibulala njani ixhoba layo? (*iyaliluma*)
- Ingaba kumele ukuba siziphathe/sizibambe ezi zidalwa? Nika izizathu.
- Ingaba kufuneka sizibulale? (*hayi nje kungekho sizathu, zombini zingaluncedo kuba zinganceda ekubulaleni iimpuku nezinye izinambuzane eziyingozi*)



Abanye oonomadukudwane banamehlo ali-12.



Inyoka inamehlo ama-2.



# Abanye ookrebe banamazinyo angama-300.



# Ingcuka inamazinyo angama-32.

**Iveki yesi-5**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Zifana njani izilwanyana? (*imilomo emikhulu, amazinyo amaninzi, amehlo amabini*)
- Zahluke njani? (*ookrebe bahlala elwandle, iingcuka zihlala emhlabeni; ookrebe banamaphiko, iingcuka zinamanqina; ookrebe banamazinyo amaninzi, awengcuka ngama-32*)
- Chaza: Amazinyo ookrebe ngawokubulala ixhoba. Iingcuka zinamazinyo awomeleleyo okwaphula nokucumza amathambo.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **amazinyo**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

Xa ufunda phumla ukuze uphefumle emva kwesivakalisi ngasinye.

- Wenza ntoni umlomo womntu? (*uyathetha, uyatya, ubetha umlozi, uyangcamla, uyancuma*).
- Ngawaphi amalungu ohlukeneyo omlomo womntu? (*imilebe, amazinyo, ulwimi, iintsini*)
- Ingaba abantu banawo amazinyo okuluma nokuhlafuna njengengcuka? (*ewe*)

Iveki yesi-5

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ingwenkala nempala zifana njani? (*iindlebe ezimbini, amanqina amane, imisila*)
- Iindlebe zazo zahluke njani? (*ubukhulu – iimpala zineendlebe ezinkulu, kuba zihlala zizingelwa kufuneka zive kakuhle*)
- Zahluke njani iinyawo zazo? (*ingwenkala inamathupha, impala ineempuphu*)
- Yintoni enye eyahlukileyo? (*ufele – lunamachokoza okanye alunanto, iimpondo, amabhovu*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **ineendlebe**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

Xa ufunda, phumla ukuze uphefumle emva kwesivakalisi ngasinye.

- Ngawaphi amalungu ohlukeneyo omlenze wakho? (*ithanga, isiquluba, iqatha, idolo*)
- Ungakwazi ukubaleka ngamendu njengengwenkala? (*hayi, iingwenkala zezona zilwanyana zihamba emhlabeni ezinamendu aphezulu kwimigama emifutshane, zinamendu ngaphezulu kunabantu*)



Ingwenkala ineendlebe ezincinci.



Impala ineendlebe ezinkulu.



# Ukhozi lunemilenze emibini.



# Abantwana nabo banemilenze emibini.

Iveki yesi-5

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Abantu bafana njani neentaka? (*amehlo, imilenze*)
- Abantu bahluke njani ezintakeni? (*iintaka ziyabhabha, abantu abakwazi bayahamba, iintsiba/iinwele, amaphiko/iingalo, umlomo wentaka/ umlomo*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**


- Yalatha igama elithi **imilenze**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

Xa ufunda, phumla ukuze uphefumle emva kwesivakalisi ngasinye.

- Yintoni ekhula emizimbeni yethu endaweni yeentsiba? (*ziinwele*)
- Yahluke njani imilomo yethu kweyeentaka? (*abantu banemilebe, iintaka zinemilomo yentaka etsolo*)
- Ingaba ubunokukhetha ukuba neempiko endaweni yeengalo?

# Umzimba wam ngaphakathi




**Iveki yesi-6**

**IzaKhono zoBomi**

- Kukho amathambo ngaphakathi emzimbeni. Amathambo axhasa umzimba wakho.
- Kukho izihlunu ezenza ukuba ukwazi ukushukuma.
- Xa uzisikile uza kubona igazi. Intliziyo yakho impompela igazi emzimbeni.
- Xa uphefumlela ngaphakathi, umoya ungena uye kwimiphunga.
- Ukutya okutyayo kuya esiswini nasemathunjini.
- Usebenzisa ingqondo okanye ubuchopho xa ucinga. Ubuchopho bukhuselwa lukhakhayi.

# UPhila wophuke ingalo

## UPhila uwile waza wonzakala engalweni.



Iveki yesi-6
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ebesenza ntoni uPhila phambi kokuba onzakale engalweni?
- Wonzakale njani uPhila engalweni?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha amagama athi **wonzakala, engalweni**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi ngemvakalelo.
- Wawukhe wonzakala ngaphambili?

Iveki yesi-6

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba ngubani ose uPhila esibhedlele?
- Ingaba uPhila uvuyile akubona umama wakhe? Utsho kuba kutheni?
- Loluphi ulwazi olufumaneka kwifomu?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Uthini uPhila?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi neqamza lentetho ngemvakalelo.
- Wawukhe walala esibhedlele ngaphambili? Ingaba umama wakho wayekhona? Yeyiphi imibuzo owayibuzwa ngumongikazi?




UPhila uya esibhedlele.

# UPhila wasiwa egesini (X-reyi). Wophuke ithambo lengalo.



**Iveki yesi-6**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Ingaba uyazi ukuba kuthiwa yintoni le bayijongileyo? (*yiX-reyi – uhlobo lwefoto olubonisa amathambo angaphantsi kwesikhumba*)
- Ngubani lo mntu unxibe idyasi emhlophe? (*ngugqirha*)
- Wazi njani ugqirha ukuba ithambo laphukile? (*Ubone ithanda.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha amagama athi **wophuke ithambo**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi. Funda iqam lentetho ngemvakalelo.
- Wawukhe waya egesini ngaphambili? Khawusibalisele.

Iveki yesi-6

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Yintoni esengalweni kaPhila? (*yisamente*)
- Kutheni kufuneka enesamente engalweni nje? (*ukuze agcine ingalo yakhe ingashukumi ukuze ithambo limile*)
- Ingaba isamente iqinile okanye ithambile?
- Yintoni asenokuyenza ngengalo yakhe? (*Kukushukumisa iminwe yakhe.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Kubhalwe ntoni ebhodini?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi. Funda amagama asebhodini.
- Ingaba iklasi yethu yayikhe yaneendaba ezilolu hlobo ngaphambili? Ingaba ziindaba ezimnandi okanye iindaba ezingemnandanga kakhulu?
- Ukhona umntu omaziyo owakhe wophuka ithambo? Khawusibalisele ngaye.




# Ingalo kaPhila ifakwe isamente.

# Izivo zethu

1 

**Esokubona** Ungalibona ilanga nemibala, kodwa awusoze ubone ebumnyameni!


2 **Esokumamela** Ungaziva iintaka nentsholo yomculo, kodwa awusoze uwuve umbungu ushukuma!




3 

**Esokunukisa** Unganukisa ivumba lokutya neentyatyambo, kodwa awusoze unukise umfanekiso!

4 **Esokubamba** Ungakwazi ukubamba i-ayisi noboya, kodwa awusoze ubambe uthando!



5 

**Esokungcamla** Ungangcamla iswekile netyuwa, kodwa awusoze uwungcamle umoya!

**Iveki yesi-7**
**IzaKhono zoBomi**

Imizimba yethu engummangaliso inezivo ezihlanu.
- Zeziphi izinto ezintle othanda ukuzijonga?
- Zeziphi izandi ezimyoli ozivayo?
- Leliphi ivumba elimnandi olithandayo?
- Yintoni othanda ukuyiphatha?
- Kokuphi ukutya othanda incasa yako?

# Umntu wesonka sejinja

Umntu wesonka sejinja wayenuka kamnandi ngokumangalisayo.

Iveki yesi-7

**UkuFunda noTitshala**

Nakugqiba ukufunda bizani la magama kunye: Baleka uthi ngqee! Awusoze undibambe! Ndingumntu wesonka sejinja mna!

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wenza ntoni umama?
- Yintoni isonka sejinja? (*yikeyiki*) Sinuka ngathi yintoni?
- Kutheni ebaleka nje umntu wesonka sejinja ongevayo? (*Akafuni kutyiwa.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **wabaleka**.
- Leliphi igama elikwiqam lentetho?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Khwaza igama elithi **yima**.
- Wawukhe waliva ivumba elimnandi lento ephekwayo? Yayilelantoni?
- Unukisa ngantoni? (*ngeempumlo*)




Kodwa wabaleka wemka!

# Umama, inkomo nehagu, bonke baleqa umntu wesonka sejinja.




**Iveki yesi-7**
**UkuFunda noTitshala**

Wakugqiba ukufunda, yitshoni lo mgca kunye:
Baleka uthi ngqee.
Soze undifumane!
Ndingumntu wesonka sejinja mna!

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ngubani oleqa umntu wesonka sejinja?
- Bamleqela ntoni bonke? (*Bafuna ukumtya.*)
- Kutheni ebaleka nje? (*Kungokuba akafuni ukutyiwa.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha ikoma kwisivakalisi sokuqala. Xa ufunda kufuneka unqumame okanye ume okomzuzwana.
- Kutheni le nto kukho iimpawu zokhuzo kwiqam lentetho? (*Kungokuba bonke bayakhwaza.*)

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi. Ukhumbule ikoma.
- Funda amagama akwiqam lentetho ukhwaze.
- Ucinga ukuba libali eliyinyani eli? Ngoba kutheni, kutheni kungenjalo nje?

# Umntu wesonka sejinja wabona umlambo.

Iveki yesi-7
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1:** Ingqiqo

- Yazi njani ingwenya ukuba umntu wesonka sejinja usengxakini?
- Ingaba ingwenya ilunge ngokwenyani?
- Yayifuna ukwenza ntoni ingwenya enyanisweni?
- Tshatisa unotsheluza namagama: **wabona**, **yeva**.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khomba iimpawu zocaphulo. Chaza umsebenzi wazo. Ngubani othethayo?


**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi.
- Funda igama eliphakathi kweempawu zocaphulo ngokungathi uyingwenya. (*ngelizwi elirhabaxa*)
- Funda amagama akwiqam lentetho.
- Yeyiphi enye indlela ebenokuwela ngayo emlanjeni umntu wesonka sejinja?




Ingwenya yeva isikhalo.
"Ndiza kukuweza emlanjeni," yatsho.

# Ingwenya yamthi nqwam-nqwam yamginya! Wayenencasa emangalisayo!



Yaba sisiphelo somntu wesonka sejinja eso.

Iveki yesi-7
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni ucinga ukuba umntu wesonka sejinja uyithembile iNgwenya?
- Kwenzeke ntoni ngomntu wesonka sejinja?
- Kwenzeke ntoni ngenkomo, ihagu kunye nexhegwazana?
- Tshatisa unotsheluza nala magama: **nqwam-nqwam**, **wayenencasa**.

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **nqwam-nqwam**, **wayenencasa**.
- Zingaphi iimpawu zokukhuza ezikhoyo?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Funda isivakalisi ngemvakalelo. Ukhumbule iimpawu zokukhuza.
- Leliphi ilungu lomzimba olisebenzisela ukutya? (*ngumlomo*)
- Kokuphi okona kutya kumnandi ukuthandayo?
- Zeziphi izivo ezikhoyo ebalini? (*ukunukisa ivumba, ukungcamla, ukubona, ukuva*)

Yiba ngumoyisi weentsholo-ngwane


# Zigcine ukhuselekile kwiintsholongwane




Nxiba imaski.



Hlamba izandla zakho ngesepha ukuze ubulale iintsholongwane.



Mela okanye hlalela kude ngokwaneleyo kwabanye abantu.



Ungabelani nabanye nangantoni na.



Hlala ekhaya xa ugula.



Khohlelela okanye thimlela engqinibeni okanye sebenzisa itshefu.

**Iveki yesi-8**

**IzaKhono zoBomi**

- Iintsholongwane azibonakali kodwa ziyagulisa. ICovid-19 lolunye uhlobo lwentsholongwane.
- Ungangumoyisi weentsholongwane:
  - Nxiba imaski kwaye uhlambe izandla. Musa ukuphatha ubuso bakho. Ngolo hlobo uya kunqanda iintsholongwane zingangeni emiphungeni okanye emlonyeni wakho.
  - Gcina umgama okhuselekileyo phakathi kwakho nabanye abantu kwaye ungabelani nabo. Oku kunceda ukuba ungasasazeli iintsholongwane kwabanye abantu.
  - Hlala ekhaya xa ugula. Thimlela okanye khohlelela engqinibeni okanye sebenzisa itshefu uze uyilahle emgqomeni. Ngolo hlobo awuyi kosulela abanye abantu.
- Yeyiphi kwezi zinto oyenzayo?

# UBusi nogogo



**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wazi ntoni wena ngeCOVID-19?
- Yalatha uBusi. Yalatha ugogo.
- Kutheni bekhangeleka bekhathazekile nje?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **ngentsholongwane**, **bagule**.
- Zingaphi izivakalisi ezikhoyo? Ukwazi njani oko? (*oonobumba abakhulu, izingxi*)

UBusi uxelela ugogo ngentsholongwane ekuthiwa yiCOVID-19. Yenza ukuba abantu bagule.

**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Kutheni ugogo ehleli ekhaya nje?
- Banxibe ntoni uBusi nomama? Kutheni?
- Wenza umsebenzi onjani umama?
- Leliphi iphepha aliphakamisileyo uBusi?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **iimaski**. Ingaba eli gama lithetha imaski enye okanye ezimbini?
- Zingaphi izivakalisi ezikhoyo? Bangaphi oonobumba abakhulu abakhoyo? (*khumbula ukuba amagama abantu aqala ngonombumba omkhulu*)



Ugogo uhlala yedwa ekhaya. UBusi nomama bamzisela ukutya nezinye iintwanantwana. Banxibe iimaski zabo.




**Iveki yesi-8**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ukutya kuyinceda njani imizimba yethu ekulweni iintsholongwane?
- Zeziphi izinto ezikukutya kolu luhlu?
- Kutheni kufuneka ugogo abenesepha nje?
- Kufuneka uzihlambe ixesha elingakanani izandla zakho?
- Kutheni kufuneka ugogo enesepha engamanzi yokucoca nje?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **isepha**.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Uza kukwazi nini uBusi ukumanga ugogo?
- Ingaba kukhuselekile ukwenza oko ngoku?
- Uza kuziva njani uBusi xa ekwazi ukumanga ugogo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha oonobumba abakhulu.



UBusi uza kukwazi ukumanga ugogo ngenye imini.

# Imigaqo yeklasi yethu echasa ukuxhaphaza



1. Asizi kubaxhaphaza abanye. Asizi kubancitha okanye sibabize ngamagama amabi.



2. Siza kuzama kangangoko ukunceda abantwana abaxhatshazwayo. Siza kubanqanda abaxhaphazi okanye sifune uncedo lwabadala.



3. Siza kuzama ukubaquka abantwana abangahoywayo ngabanye.



4. Siza kubaphatha ngentlonelo nangobubele abanye.

**Iveki ye-9**

**IzaKhono zoBomi**

- Kukuthini ukuxhaphaza? (*kuxa uphindaphinda ukuvisa abanye ubuhlungu okanye uboyikisa*)
- Kutheni umgaqo wokuqala uno-✗? (*ubonisa izinto emasingazenzi*)
- Kutheni eminye imigaqo ino-✓? (*ubonisa izinto emasizenze*)
- Ucinga ukuba ngowuphi umgaqo obaluleke kakhulu. Ngoba kutheni?

# UKiki

## UKiki ngumntwana ofikayo esikolweni.

**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Bangenza njani ukuze uKiki azive amkelekile?
- Wahluke njani kwabanye?
- Ngubani othe: "Yenza uKiki azive amkelekile"? Ukwazi njani oko? (*Iqam lentetho libonisa umntu othethayo.*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha igama elithi **amkelekile**.
- Khangela amagama anesandi u-**k**.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba abalinganiswa abakweli bali ngabeli lizwe? Ngoba kutheni?
- Izidalwa ezifana nezi sizibiza ngokuba 'zii-eliyeni'. Ingaba i-eliyeni yinto ekhoyo yokwenyani okanye yinto yemibono yasengqondweni? (*imibono*)
- Xa ubunokuba nombono we-eliyeni, ibinokukhangeleka njani?
- Ingaba ucinga ukuba umahluko phakathi kukaKiki nabanye ubalulekile? Cacisa.






Iveki ye-9

**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Ucinga ukuba uKiki uziva njani?
- Kutheni le nto kungekho namnye umntwana othethayo?
- Ucinga ukuba kufuneka enze ntoni uKiki? (*qikelela*)

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **babemncitha, tyhala**
- Khangela amagama anesandi u-**l**.
- Yalatha amaqam entetho. Ngubani othethayo ngoku?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Abantwana ababukelayo xa omnye exhatshazwa bangenzi nto babizwa ngokuba "ngababukeli".
- Ungenza ntoni xa ubona omnye exhatshazwa?

Ngexesha lekhefu lokutya, abanye abantwana bamxutha ukutya kwakhe uKiki. Babemncitha bemana ukumtyhala-tyhala.

**Usuku loku-1: Ingqiqo**


- Ingaba wenza into elungileyo uKiki xa exelela uMnu. Mgaga? Ngoba kutheni?
- Yintoni enye ebenokuyenza?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Yalatha la magama: **embi**, **ukuxhaphaza**.
- Khangela amagama anesandi u-**m**.
- Ingaba likhona iqam lentetho kweli phepha?

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Ucinga ukuba yintoni eyabangela ukuba abantwana bamphathe kakubi uKiki?




UKiki waxelela uMnu. Mgaga. UMnu. Mgaga uthe yinto embi kakhulu ukuxhaphaza uKiki.

# Emva koko, uKiki wathi, “Hayi!” kubaxhaphazi.




**Iveki ye-9**
**UkuFunda noTitshala**

**Usuku loku-1: Ingqiqo**

- Wamelana njani uKiki nabaxhaphazi?
- Kutheni kuluncedo nje kuKiki ukuba nomhlobo?

**Usuku lwesi-2: Ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo**

- Khangela amagama anesandi u-**n**.
- Yalatha igama elithi **kubaxhaphazi**.
- Yalatha iqam lentetho elikweli phepha.

**Usuku lwesi-3: Utyibiliko nemvakalelo**

- Yeyiphi indlela elungileyo yokwakha ubuhlobo?

# Waba nomhlobo omtsha.

